




## Isifundo I

### Esikolweni

Mna ndingu . . . . . . . . . . . . . . . . . igama lam.

Ndiya sihamba isikolo. Ndifunda ku-B.

NoNomsa uya sihamba isikolo.

Ufunda ku-B naye. Siya kuyifunda

le ncwadi side siyigqiɓe,

size ke siye kufunda kwiɓanga lokuqala.

USisi uya sihamba isikolo naye.

Ufunda kwiбanga lesiбini. Uya kuthanda ukufunda.

UThemba noLizo бaya sihamba isikolo naбo.

Бafunda kwiбanga lesine бona.

Бonke aaбa бantwana бaya sithanda isikolo.

Бaya kuthanda ukufunda.

Бafunda iincwadi. Бafunda ukubala nokuбala.

Emalanga ooNomsa бadlalisa oonopopi баbo.

UThemba noLizo бalusa iinkomo ezindle.

Xa бalusayo бazingela iimpuku.

Бathi бona бazingela iinjova.

NoToki uya zizingela iinjova.

Uya khonkotha azisukele akuziбona.

PHONICS: incwadi ncwa; siyigqiбe gqi: kwiбanga kwi; aбantwana ntwa.

## Isifundo 2

### Hee, Luweyo

Ngenye imini uThemba wathi kuLizo,
Lizo, mfo ndini, ma siye
    kuzingela iinjova.
Siye kuzingela phi na, Themba ?
Phaya ethafeni. Azininzi ngako apho.
    Woɓona imizila yazo encheni.
Ma siye ke. UToki ma kahambe naye.
    Uya kuzisukela zize ngakuthi.
Ɓahamba ke uThemba noLizo noToki,
    ɓaya kuzingela iinjova ethafeni.
Ɓaɓona yaanye qha
    yaɓaleka yona yasinda.
Themba, mfo ndini, akukho zinjova
    apha ethafeni. Ma sincame sigoduke.
Hayi, Lizo, zikhona kolu thango.
    Imizila yazo mininzi phantsi kwalo.

Ƃagqogqa, Ƃagqogqa, Ƃazigqogqa ke apho
Ƃevuma ingoma yokuzingela iimpuku,
Ƃesithi,

Hee, Luweyo. Hee, Luweyo.
Zaweyo-weyo.
Ziphi na iinjova ? Ziphi na iinjova ?
Neenjovakazana ?
Zaweyo-weyo.
Zinemizila,
Zaweyo-weyo.
Woo. Woo. Zaweyo.
Woo. Woo. Zaweyo.

Hawu. Hawu. Hawu. Watʃho uToki



ezisukela ekhonkotha.

Uya бona ke Lizo, naanzo zisiza.

ULizo wayiбetha enye yafa, enzinye

zajika zaбaleka zaya ngakuThemba.

UThemba wayiбetha enye naye, yafa.

Ezinye zaбaleka zasinda.

Ma sigoduke Lizo, litʃhonile ilanga.

Бagoduka ke elowo ephethe eyakhe injova.

PHONICS: Ma sincame nca: бagqogqa gqo gqa

---

## Isifundo 3

### Zothukile iinjova

Yoo. Ndothuke kakuбi. Watʃho uNjovana akuбa esindile kooThemba.

Бaphantse ukusiбulala namhla nje.



Ze siɓalumkele xa ɓeze
kuzingela kwa khona.
Ewe Njovana, watʃho uNjozana,
nam ndothuke kakuɓi.
UToki uphantse ukundiɓamba,
koko ndaqinisa ukuɓaleka ndamʃiya
Ze simane sizimela emnxhunyeni
xa ɓazingela iinjova.
Andikafuni kuɓulawa yinja mna.

Nam Njozana, andikafuni kuбulawa.

Ndisafuna ukutya izinto ezimnandi.

Ma siye kulala ngoku, ze sithi sakuvuka ekuseni

siye kulaa ntsimi isezantsi kothango.

Akamnandi ngako umbona wakhona.

Бalala emnxhunyeni waбo ke

kwada kwasa.

PHONICS: umnxhuma nxhu

## Isifundo 4

### Бalambile

Kwowu, ndilambile Njozana.

Ma siye kufuna ukutya.

Siye kufuna phi ukutya ?

Kaloku бe sithe phezolo siza kuya

phaya entsimini siye kutya umbona.

Uya vunwa ngoku.

Mninzi kwesaa sitha sivelileyo.

Ma simxelele uMama apho siya khona

angaɓi naxhala athi silahlekile.



Mama, silambile. Sifuna ukuya kutya

umbona phaya entsimini.

Hambani ɓantwana ɓam. Ze nitye kamnandi nihluthe

nindiphathele nam umbona.

Kodwa ze niɓalumkele aɓantu nezinja.

Ngqe ukusinga entsimini ɓonwaɓile

ɓesithi tswi tswi tswi luvuyo,

kuɓa ɓeza kuhlutha namhla nje.

PHONICS: Uya vunwa nwa; ixhala xha; kodwa dwa; tswi.

---

Isifundo 5

Esitheni sombona

Naasi ke isitha sombona.

Tyhini ngumbona oɓomvu.

Nguyena mbona ulungileyo,


kuɓa usinika impilo entle.

Ɓamphanga kwa ngoko

ɓatya ɓatya akwaɓa kho uthethayo.



UNIVERSITY OF CAPE TOWN LIBRARY



Gr, gr, gr, nc, nc, nc, nx, nx, nx,

ɓegrenya ɓehlafuna, ɓegrenya ɓehlafuna.

Ndihluthi Njovana, ndanele.

Nam se ndiziva ndihluthi Njozana,

kodwa unencasa lo mbona

kanga ngokuɓa andinakho ukumyeka.

Gr, gr, gr, nc. nc. nc, nx, nx, nx.

Musa ukuɓa sisidenge Njovana.

Ukuɓa uthe wagqithisa ukutya umbona

uya kucubuka uɓe sisisulu sentonga

kwakufika aɓavuni.

Suka Njozana, uya buda wena.
Akundazi ukuɓaleka kwam
nokuɓa se nditye kangakanani na.
Uɓe undiɓonile izolo ukuɓaleka kwam
ukuzisindisa kwezo ntonga.
Soze ndiɓe sisulu santonga mna.
Gr, gr, gr, nc, nc, nc, nx, nx, nx.
O uze utʃho ke.
Uya kuyaleka namhla nje.
Aɓavuni se ɓeza kufika. Sozimela phi ?
Sozimela phantsi kombona, unani ?
Gr, gr, gr, nc, nc, nc, nx, nx, nx.

PHONICS: Tyhini tyhi; entle ntle; gr; nx.

---

## Isifundo 6

### Ukufika kwaɓavuni

He, ndanele mpela ngoku.
Inene ndihluthi. Isisu asisavumi.
Ma sigcakamele ilanga.

Hayi Njovana, uya kucubuka

ungaɓi nakho ukuphepha ingozi.

Ingozi yanto ni ? Akukho ngozi apha.

Naaɓo ke ɓefika aɓavuni.

Yoo siza kuthi ni ? Safa namhla nje.

Naanko uThemba noyise noNomsa noToki.



Ɓalapha ɓonke. Asisenakho ukuɓaleka,

se ɓesondele kakhulu.

Ma sizimele phantsi kombona lo.

Ɓaye kutʃhonela phantsi kwesitha sombona

ɓeɓa ɓaya kusinda njalo ekufeni.

Sondela esitheni Themba, watʃho uyise,

kuɓa umkhokeli yaye inguThemba.

Misa ke, hanewu.

Hanewu, hoha, ha Romani, ha Bantom.

Layiʃani umbona esileyini.

PHONICS: gcakamela gca; Romani Ro.

---

## Isifundo 7

## Idla-kudla

UToki waliva ivumba leenjova,

wamana ejikeleza isitha sombona

ephatha kujoja aphathe kukhonkotha.

Ngaɓa ukhonkotha nto ni uToki ?

Waɓuza uNomsa.



Ukhonkotha iimpuku, waphendula uThemba.

Siza kuzifumana namhla nje ezi mpuku

zimana ukumoona zimgqiɓa umbona.

Yiva naantso enye itswina.

Tswi, tswi, tswi.

Yithi tu, Njovana.

Kuthe ni le nto ungxola kangaka

kukho le ngozi yokubaqwa nokuɓulawa.

Ndiya lunywa Sisi. Tswi, tswi, tswi.

Ulunywa yinto ni ?

Ndilunywa sisisu. Tswi, tswi, tswi.

Tʃhotʃh' uvile. Ɓe nditʃhilo
ukuɓa uya kuyaleka namhla nje.
Yithi tu, uya kusifumana uToki.
Akumva esikhonkotha nje ?
Tswi, tswi, yoho, yoho,
isisu sam, isisu sam.
Ithe ni le mpuku itswina kangaka nje ?
Inene uToki wam uza kuyiɓamba.
Soyiphathela uTsiki. Watʃho uThemba.

PHONICS: ngxola ngxo; ukubaqwa qwa;
ndiya lunywa nywa.

---

## Isifundo 8

### Ceɓetʃhu

Kulayiʃwe kwalayiʃwa wada waaɓuphela umbona.
Tswi, tswi, tswi,
watʃho esatswina njalo uNjovana.

Yeha, iliʃwa lethu.

Yeka ukutswina oku Njovana.

Sisengozini yokuɓulawa ngoku.

Sel' eɓuphela umbona. Iceɓo linye qha.

Ma siɓaleke siqinise siye kuzimela

phantsi kombona osesileyini.

Naanku uToki ekhonkotha kweli cala.


Ma siphume kweliya. Ɓaleka undilandele.

Zakuthi thu iinjova wazitsiɓela uToki

wazisukela zaya kutʃho esileyini

zatʃhonela phakathi emboneni

zasinda kwa khona.



Tyhini, uziphosile uToki,

watʃho uThemba. Kodwa akunani.

Sozifumana sakufika ekhaya.

PHONICS: iliʃwa ʃwa.

---

Isifundo 9

Esileyini

Yu, sisinde ceɓetʃhu. Yu uvalo.

Ndiphethwe luvalo.

Ɓe ndiɓa ukuɓambile uToki.

He, siza kusinda njani kule ngozi ?

Andazi Njozana, waphendula

ngelizwi elincinane uNjovana.

Ndisalunywa sisisu mna.

Andigeɓi nakho ukuɓaleka ngoku.

Ma sihlale apha esileyini.

Ude walayiʃwa wonke umbona.

Phambili ke. Romani. Bantom. Jika kwedini.

UNomsa oɓekhwele phezulu esileyini

uthe, Yiza nawe Toki. Uya kuziɓamba

ezi mpuku zilapha esileyini.

Athi ke mna. Uyeva Njovana ?

Ɓasizondile aaɓa ɓantu.

Kazi sosinda njani na kule ngozi ?


Andazi Njozana. Ndisalunywa sisisu mna.

Suka Njovana. Yeka isisu sakho.

Ma sicinge iqhinga lokusisindisa.

Kha ucinge ngokwakho Njozana.

Ndisacinga isisu sam mna.



Naanku ke sifika kuloThemba.

Yu, ndisaphethwe luvalo.

PHONICS: ndiphethwe thwe; ukhwele khwe.

## Isifundo 10

## KuloThemba



Misa kwedini. Hoha, hanewu.

Ha Romani, ha Bantom, hanewu.

Khululani. Kwakhululwa.

Thulani umbona, watʃho uyise kaThemba.

Ɓamthula umbona lowo ɓamgalela

kudladla olwaye lukufuphi nendlu,

uToki emana ejikeleza isileyi
ephatha kujoja aphathe kukhonkotha
elindele ukuthi gqi kweempuku.
Heke Toki wam. Uze uziɓambe zombini.
Naanko uTsiki endlwini
elindele inyama yeempuku.
Ewe Toki, waqokela uNomsa.
Uze uziɓambe zombini.
UTsiki wam uza kuhlutha namhla nje.
Uyeva Njovana ? Ɓafuna sityiwe nguTsiki.
Uthi ni ngaloo nto ?
Uphinde watswina uNjovana wathi,
Andazi Njozana. Andithandi kutyiwa yikati.
Unalo iceɓo lokusisindisa ?
Akukho limbi ngaphandle kokuɓaleka.
Ma sivele kweli cala.
Uze undilandele ungaʃiyeki.
Uya kukuɓamba uToki ukuɓa akuqinisi.
Kulungile Njozana, ndokulandela.

PHONICS: ɓakhululwa lwa; endlwini ndlwi.

## Isifundo 11

### Utʃhaɓa olutʃha

Ɓaɓaleke ngqe ɓathi ngqo ngendlu,
uNjovana elandela uNjozana.
Tsha, tsha, Toki, watʃho uyise kaThemba.
Naanzo zingena endlwini.
Awu, zisindile kwa khona.
Zithe zona iinjova zakungena
ɓuphuthu-phuthu emnyango,
zathana gaga nolunye utʃhaɓa,
kuɓa uTsiki waye elalele iimpuku
emnxhunyeni oselundongeni.
Watʃho ngomtsi omkhulu uTsiki,
kodwa ooNjovana ɓathe ɓaphepha,
ɓatʃhona emnxhunyeni wempuku.



Kazi sokhululeka nini kwiliʃwa lethu ?

Akukho ndawo apho kungekho zintʃaɓa.

Kwowu, uya kuthi ni uMama ?

Hayi, iliʃwa lethu, iliʃwa lethu.

Molweni. Kuɓulise uMpuku

omnxhuma ɓaye ɓengene kuwo ooNjovana.

Ewe molo.

Ningooɓani ? Nivela phi

nize kuthi gaxa emzini wam nje ?

SinguNjovana noNjozana ɓasethafeni.

Sisaɓa kwiintʃaɓa zethu

eziɓe zizonda uɓomi ɓethu.

Kha usincede ngendawo yokuzimela.

Naanko uTsiki elalele thina.

Asikukho nokuɓa siyoyika ukutyiwa nguye.

Nceda Mpuku.

Musani ukoyika. Anikho ngozini apha

emnxhunyeni wam. Zolani ndoninceda.

Enkosi. Usincede kakhulu.

PHONICS: tsha; iintʃaɓa ntʃa.

## Isifundo 12

## Umzi kaMpuku

Ndilandeleni ndiniɓonise umzi wam.

Naali igumbi lokutyela,

    apho kukho iinkozo zombona nesonka

    nokunye ukutya okumnandi.

Akuva oko uNjovana waɓa sel' evuza amathe.

Naali igumbi lukolala

    apho ndandlale ngencha ethambileyo.

    Kusithile apha naseɓusika xa kuɓandayo.


Waye engasamhoyi uNjovana,

    waye ejonge egumbini lokutyela

    eɓawela isonka esiya.

Naali igumbi lokuɓutha. Le minxhuma

    ivulela ngaphakathi endlwini,



leya ivulela ngaphandle.

UTsiki uhleli emlonyeni walo ngoku.

Ma sinyuke ngomnye siye kukroɓa.

Khangelani naankuya uTsiki esilalele

kulaa mnxhuma. Uya kuncama uTsiki.

Akasoze andifumane mna, ndilumke

kakhulu. Uzigqiɓile ezinye iimpuku.

Ndim ndodwa oseleyo.

Ze nimlumkele hleze anitye nani.

Ewe siya kumlumkela, watʃho uNjovana.

UNjovana yena waye engasamhoye mpela,

kuɓa eɓone ukutya phakathi endlwini.

Phumlani ke ngoku,

ukuze singene endlwini ngokuhlwa

siye kutya isonka neelekese

xa ɓaleleyo aɓantu nezinja neekati.

Heke, watʃho uNjovana sel' evuza amathe.

PHONICS: ukukɼoɓa kɼo; ngokuhlwa hlwa.

---

## Isifundo 13

### UTsiki uphoswe yinyama

Kuzolile ngoku. Iintʃaɓa zethu zilele.

Ma siphume emnxhunyeni siye kutya.

Zaphuma zontathu iimpuku

zakhwela etafileni apho kwaye kukho

isonka neelekese.

Waziphanga kwa ngoko iilekese uNjovana,

wagɼenya, wagɼenya akayeka.

Ezinye zasiwela isonka zatya nazo,
zeva ngoNjovana esithi,
Nize ningasigqiɓi isonka,
nindiʃiyele nam, ndisatya iilekese.
Hayi, sininzi, asinakho ukusigqiɓa.
Se sihluthi thina, siya yeka ngoku.
Uya kuhlutha nini wena ?
Asikukho nokuɓa zimnandi ezi lekese.
Ndothi ni ukuziyeka, gr, gr, gr.
Utye watya watya uNjovana
wada wazigqiɓa zonke ezo lekese,
waya esonkeni watya watya watya
wada wavakala esithi, Tswi, tswi,
isisu sam, ndiya lunywa,
Yoo isisu sam, isisu sam.
Kuthe kanti oku kutswina kukaNjovana
kuya mvusa uTsiki
wazibaqa iimpuku etafileni.
Heke, ndinifumene namhla nje.
Kudala ndinilindele.
Utʃho phezu kwetafile ngomtsi omkhulu.



UNjozana noMpuku ɓatsiɓela phantsi.
UNjovana oɓehleli esiphelweni setafile
wothuke kanga ngokuɓa afe isiqaqa.
Oku kufa kwakhe isiqaqa kwamsindisa,
kuɓa uwe nka phantsi
eli xeʃa uTsiki ethe nqa
kukuthi dungu kweempuku ngokomɓane.
OoNjozana ɓamɓonile ukuwa kwakhe,
ɓamthi hlasi ngomsila, ɓamɼuqa
ɓaya kutʃhonela emnxhunyeni
xa kanye aza kumthi xhakamfu uTsiki,
ɓasinda ɓoɓathathu.
Tyhini, ndihleli nje ndiziphosile.
He zisindile. Watʃho uTsiki edanile.

## Isifundo 14

### Akavuki uNjovana

Yo sisinde ceɓetʃhu. Watʃho uNjozana ekhefuza.

Hayi inene sisinde ceɓetʃhu, Njozana.

Ɓe ndingatʃhongo

ukuɓa akanakho ukusifumana uTsiki ?

NguNjovana lo uphantse ukusifaka

engozini. Ndihleli nje

unyoluke kangaka na ?

Uya kuda aziɓulale ngokutya.

Vuka Njovana, naanku silapha

emnxhunyeni. Vuka mfo ndini.

Tyhini akavuki. Uthe ni na

uNjovana kaMama ? Ufile kukothuka.

Ma simtʃhize ngamanzi.

Ɓaye kukha amanzi, ɓamtʃhiza

ɓamtʃhiza, akwanceda lutho.

Yoo, siza kumthi ni umnakwethu ?

Uya kuthi ni uMama ? Yoo umnakwethu.

Siza kumthi ni umnakwethu ? Nceda Mpuku.

Zola Njozana, ndinalo iceɓo.

Ma siye egqiɼeni.



Egqiɼeni ? Liphi elo gqiɼa ?

Lihlala phaya kwelaa tyholo. Ma siye.

## Isifundo 15

### Uvukile uNjovana

Ɓakuphumela ngaphandle ɓeva ngelizwi
likaNjovana lisithi,
Tswi, tswi, iliʃwa lam.
Ɓaye ngaphi na ooNjozana ?
Ndiya kuthi ni ukuhlala ndedwa apha ?
Njozana, Njozana, uphi na wethu ?



ɓaɓuya kwa oko ooNjozana.

Yithi tu Njovana. Kuthe ni le nto
ungxola kangaka ? Uvuswe yinto ni ?

Hayi wethu, ndivuke ndaɓona ndindedwa,
ndasuka ndooyika. Ma sigoduke
siye kuMama. Andisafuni kuhlala apha.

Nam se ndifuna ukugoduka. Singahamba Mpuku ?

Ndiya kunikhapha hleze nilahleke endleleni.

Ndisaya kokɼoɓa uTsiki.

Naankuya esalinde kulaa mnxhuma.

Ma siphume ngalo ungaphandle
ukuze angasiɓoni. Ze sihambe sizimela
singabaqwa ziikati nezinye iintʃaɓa.
Ndilandeleni.

PHONICS: ilizwi zwi.

## Isifundo 16

### Esigwini

Zaphuma zontathu iimpuku ngomnxhuma
ongaphandle, ɓoonda ngethafa lakuloNjovana.
Ɓathe ɓakufika kwityholo elaye lisecaleni kwendlela
ɓaɓona isigu sikaLizo simisiwe
sithiyelwe ngamanyiki.
Naantsi inyama. Watʃho uNjovana
sel' eɓaleka esiya esigwini evuza amathe.
Hayi Njovana, sidenge ndini.
Ɓatʃho ooMpuku ɓemthi hlasi ngomsila..
Akwazi ukuɓa uya kukhandwa sisigu ufe ?
Unani na ?
Hayi Mpuku, ɓe ndifuna amanyiki la.
Suka, ukunyoluka oku kuya kuɓa
kukufa kwakho. Uya kuyaleka nini na?
Nam phofu ndiya wafuna amanyiki lawo.
Ma sicinge iqhinga lokuwafumana.



Бachopha бобathathu бacinga iqhinga lokuwafumana.

Qikili ngomhlana uNjovana.

Wenza nto ni Njovana ? Waбuza uMpuku.

Ndiya cinga.

Kuthe ni usuke uthi qikili ngomhlana ?

Andinakho ukucinga ndingathanga qikili.

Бamhleka ooMpuku.

O, ze nihleke. Ndozicingela iceбo
ndiwafumane amanyiki lawo,
ndiwatye ndedwa. Aniyi kuwafumana
nindihleka nje.

Ɓacinga kwa khona. Wacinga uNjozana

emana etʃeca iinzipho zakhe.

Wacinga uMpuku ephulula iimbovu zakhe.

Wacinga noNjovana ethe qikili njalo,

emana ukuzonwaya intloko.

PHONICS: esigwini gwi; ukukhandwa ndwa;
ukutʃeca tʃe

---

## Isifundo 17

### Amanyiki

Ɓacinge ɓacinga wada wavakala

uMpuku esithi, Naali ndilifumene.

Waxhuma uNjovana oɓecinga naye waɓuza,

Aphi ?


Aphi nto ni ?

Uɓucinga nto ni kakade wena ?

Aphi amanyiki ?  Ɓe ndicinga amanyiki mna.

Ndithe mna, naali, ndilifumene,

Ndifumene iceɓo.



Umpuku uchole uluthi olude,

wachukumisa amanyiki ngalo.  Mba,

lawa ilitye, woothuka uNjovana

waxhuma waya kutʃho phezu koMpuku.

Yoo, amanyiki am aphantsi kwelitye.

Ndiza kuwafumana njani amanyiki am ?

Wenze nto ni na Mpuku ?

Yithi tu Njovana, siza kuwafumana.

Siza kuwafumana njani,

ephantsi kwelitye nje ?

Akunazo na iinzipho ?

Iinzipho ? Ziza kwenza ni iinzipho ?

Nguɓani onokususa ilitye ngeenzipho ?

Musa ukuɓa sidenge Njovana. Iinzipho zezokugɼumba.

Ma sigɼumbe umnxhuma phantsi kwelitye.

Kwowu ulumkile Mpuku.

Wagɼumba wagɼumba uMpuku,

wada waya kufika emanyikini,

walitya elinye, elinye waliphathela

uNjozana. Uthe akuphuma

watʃhona emnxhunyeni uNjovana

wafika se kungekho manyiki.

Ɓamhleka ooMpuku ɓesithi

izidenge ziya kulamba namhla nje.

Wacaphuka uNjovana wathi

uya kuwatya onke amanye amanyiki

aɓavimbe ɓona.

Isifnudo 18

UNjovana uya ɼona

Ɓaphindele endleleni eya kuloNjovana.

Ɓahambe ɓahamba wada wavakala uNjovana

esithi, Ndidiniwe, ma siphumle.

Ɓaye ɓese ɓediniwe naɓanye, ɓavuma.

Ɓaphumla ecaleni komnxhuma.



Kuthe ɓesaphumla njalo, yoyi uNjovana.
Naanko elele uɓuthongo umfo omkhulu,
kuvakala isithonga sokuɼona kwakhe.
Kanti kwityholo elaye likufuphi kuɓo
kukho ikati ezingela iintaka.
Yakuva ukuɼona kwempuku yaziyeka iintaka
yachwechwela iimpuku ezo,
koko yabaqwa nguMpuku isachwechwa njalo.
Lumkani, naants' ikati.
Woothuka uNjovana waxhuma waya kuwa
ngomhlana, wavuka wazilandela ezinye,
zasinda zontathu iimpuku
ngokutʃhona ɓuphuthu-phuthu emnxhunyeni.
Siya kuda sifike nini ekhaya ?
Uɓuzile uNjozana. Uya ɓona Njovana,
nguwe lo usizele nale ngozi ngokuɼona kwakho.
Andikhange ndiɼone. Ɓe ndihleli nje.
Uya phosisa. Uɓulele uɓuthongo.
Uxolo Sisi. Andikuphinda ndiɼone.
Kodwa andikhange ndiɼone.
Watʃho edumzela uNjovana.

PHONICS: ukuchwechwa chwe.

## Isifundo 19

### Iinjova zivalelwe yikati

Niya liva ivumba lekati ? Uбuzile uMpuku.

Siya liva. Yoo бethu,

siza kuphuma njani kulo mnxhuma ?

Ikati iya kusilalela side siphume

isiбambe isitye. Ma khe siƙroбe.

Бayiбona ikati iбalalele.

Ilinde yalinda yee yoyi,

ooMpuku бemana ukuƙroбa.

Asingephumi ngoku ? Waбuza uNjovana.

Ikati ilele uбuthongo.

Hayi Njovana, akuyazi ikati wena.



Ikati ivuswa livumba lempuku.

Sakusondela kuyo iya kuvuswa
livumba lethu.

Sophuma njani ke kulo mnxhuma ?

Ma sicinge. Singathi mhlawumbi
silifumane iceɓo. Ma sicinge sonke.

Cwaka. Ɓacinga ɓonke.

PHONICS: cwaka cwa.

## Isifundo 20

### Kuzanywa iceɓo

Wacinga uNjozana emana etʃeca
iinzipho zakhe. Wacinga uMpuku
ephulula iimbovu zakhe.
Wacinga uNjovana ethe qikili ngomhlana
emana ukuzonwaya intloko
ngathi ulunywa ziintwala,
wada uNjozana wacaphuka wathi
Yeka ukuzonwaya oku.



Uya ndikhathaza ngokwenje njalo.

Uthi ndocinga njani

ukuɓa undikhathaza ngokuzonwaya ?

Nawe uya kucinga njani

usuka uliɓale ngokuzonwaya nje ?

Hayi Sisi, ndiya cinga.

Ucinga nto ni ? Fan'ukuɓa ucinga ukutya.

Hayi Sisi, ndicinga uɓusi.

Uɓusi ? Usile. Ɓuphi na oɓo ɓusi

ucinga ngaɓo ?

Andazi, kodwa ndiva ivumba leenyosi.

Akuliva na wena ?

Wajoja uNjozana. Ewe ndiya liva.

Nam ndiya liva, watʃho uMpuku

eyeka ukuphulula iimbovu zakhe.

Ukuɓa kukho iinyosi apha ziza kusitya.

Yoo, safa ziinyosi.

## Isifundo 21

### UMpuku uneqhinga



Kuthe kanti kwaye kukhe kwaakho

iinyosi kulo mnxhuma, koko zazise zimkile

zaʃiya nje umthweɓeɓa kuuphela.

Ndilifumene iceбo Njozana.

Liceбo lini ?

Naali. Ndozidyoba ngomthweбeбa

lingavakali ivumba lempuku.

Ze senje njalo nathi Mpuku ?

Hayi yekani nina.

Niya kusiбona isimanga namhla nje.

Yikhani umthweбeбa.

Бakha umthweбeбa бoбathathu.

Wazidyoba ngawo uMpuku,

wamdyoba uNjozana, wamdyoba uNjovana,

kwada kwaphela ivumba lempuku,

kwavakala eli lenyosi kuuphela.

Heke kwalunga. Inene ndiza kuyilungisa

le kati namhla nje. Ze nijonge.

Niya kusiбona isimanga.

Kɼoбani phaya emlonyeni womnxhuma.

PHONICS: dyoba dyo.

Isifundo 22

Ɓamlandela uNjovana noNjozana


ɓaya kuthi ga emlonyeni womnxhuma.

Waphumela ngaphandle uMpuku

ikati isalele uɓuthongo njalo.

Wachwechwa wachwechwa wada waya kufika kuyo,

wayiluma kwaakanye empumlweni




ngaloo mazinyo akhe aɓukhali,
waphindela emnxhunyeni ngephanyazo.
Yoo, yoo. Awu, awu, yoo, iinyosi,
ndiva ivumba leenyosi, yatʃho ikati
isithi ɼwi ukusinga ekhaya.
Thaphu iimpuku zihleka,
zidloɓa, ziziqika-qika encheni,
uNjovana ethe qikili ngomhlana,
ekhaɓa-khaɓa imilenze ehleka de atswine.
Yini na le. Yini na le.
Usilumko Mpuku, usilumko.
Ukhe uve na ngempuku eyaɓalekisa ikati ?
Awu, uyinkosi yeempuku wena.

PHONICS: ɼwi.

## Isifundo 23

### Esiseleni

Zithe ezi mpuku zisahleka
ziziqika-qika, zixhuma-xhuma,
zeeyela emnxhunyeni onzulu,
zehla, zehla zaangathi
azisoze zide ziye kufika ezantsi,
zada zaya kuthi baxa emanzini
zise ziphelile kukoyika.
Yoo Mama. Uphi na uMama ?
Watʃho ekhala uNjovana.
Wacaphuka uMpuku wathi. Yithi tu Njovana.
Akuncedi nto ukulilela unyoko.
Landelani mna sifune indlela
yokuphuma kwesi sisele.
Zadada iimpuku zimana zijikeleza,
wada uNjovana watyhafa wathi,



Yima Mpuku, ndidiniwe. Ma sincame,

akukho ndlela yakusinda kule ngozi.

Yimini yethu yokugqiɓela le.

Ma sithandaze phambi kokuɓa sife.

Musa ukusa Njovana. Uya kwazi na ukuthandaza ?

Ukhe wathandaza phi ?

Uthi uya kuviwa nguɓani apha esiseleni ?

Zithandazele ngokwakho. Asikancami

thina. Siza kuyifumana indlela

yokusinda nokuɓa se kuthe ni na.

Ndilandele Njozana. Ma simʃiye.

Hayi, ncedani, ningandiʃiyi,

ndafa, ndiyeza.

## Isifundo 24

### UNjovana uya taka

Zadada zadada iimpuku zajikeleza
iindonga zesisele, wada uMpuku athi,
Ndiliɓonile, naali ikɼoɓa.
Ma singene kuło
hleze siɓe nokusinda ngało.
Zithe zakuphumela kulo elo kɼoɓa
zaya kungena egumbini elikhulu
elaye linekɼoɓa ngaphezulu.
Kwelo kɼoɓa kwaye kuɓonakala izulu
neenkwenkwezi.
Naaliya ikɼoɓa. Ma siphume ngalo,
watʃho ngovuyo uNjovana.

Suka siyatha ndini. Uya kufika njani
kulo liphakame kangaka nje ?
Ndiya kutaka Njozana. Ze nindilandele.
Utʃho wataka uNjovana, koko akafikelela.
Wataka kwa khona wawa nka ngomhlana.
Uɓuye wataka kwa khona,
sel' ehlekwa zezinye iimpuku.
O, niya ndihleka ? Yekani
niza kuʃiyeka nodwa apha.
Watʃho ngomtsi omkhulu
waangathi uza kufikelela ekɼoɓeni.
Kanti hayi, akukho mpuku inokutaka




Ide iye kufika kwindawo ephakame kangako.
Wancama uNjovana wafumana waxhuma-xhuma,
esithi eƃesazi ukuƃa ikroƃa elo
laye liphakame kanga ngokuƃa
alinakho ukutakelwa nayiyiphi na impuku.
Ɓaziqika-qika ooMpuku ƃemgxeka,
ƃemhleka uNjovana.
Wacaphuka uNjovana waƃaʃiya apho,
wazihambela egumbini ehamba
echola-chola amatye.

PHONICS: iinkwenkwezi nkwe; gxeka gxe;
chola cho.

## Isifundo 25

### Ilekese

Ɓathe ooNjovana ƃesahleka
ƃeva ngoNjovana ekhwaza esithi,
Ndachol' ilekese, ndachol' ilekese.
Suka uya buda Njovana. Akukho zilekese apha.




Andibudi Mpuku. Yiyo le ilekese.

Yizani niziɓonele.

Sokuɓetha ukuɓa uya siphoxa Njovana.

Andiniphoxi. Ziɓoneleni, yilekese le.

Kunjalo nje ibaliwe.

Ibalwe nto ni ?

Ibalwe Ndleɓe-nkulu.

Lumka, Njovana, watʃho elifunda eli gama uMpuku.

Asiyolekese le, ɓuɓuthi.

Asiɓoɓuthi oɓu Mpuku, yilekese.

Ndiza kuyitya. Aniyi kuva nentwana le.

Watʃho sel' eyigɼenya.

Wagɼenya, wahlafuna, wagɼenya wahlafuna.

Бamjonga ooNjazana бenexhala.

Бazame ukumnqanda, бazama ukuyihlutha,

koko waбaleka waya kuyityela phaya kude.

PHONICS: nqanda nqa.

---

Isifundo 26

Izimanga azipheli

Uyitye wayigqiбa yonke loo lekese uNjovana.

Wafa sisisu Njovana. Uza kulunywa sisisu.


Siza kumva uNjovana ekhala ngesisu.

Tswi, tswi, yoho, yoho.

Iindleбe zam, Iindleбe zam.

Ndiбulawa ziindleбe. Nceda Mpuku,

nceda Njozana, ndafa ziindleбe zam.



Бathe nqa uMpuku noNjozana

бakuбona iindleбe zikaNjovana zinweбeka.

Yinto ni Njovana? Zithe ni

iindleбe zakho? Yeha ke, mntakwethu,

uhlelwe yinto ni? Бe singatʃhongo

ukuбa uze ungayityi laa lekese, iбuбuthi?

Uya kuva ngeendleɓe namhla nje

unyoluke kangaka nje. Khangela

asizondleɓe, ngamaphiko, ngamaphiko.

Hi ? uthi ni ? Amaphiko ?

Waɓuza uNjovana ethe nqa naye ngoku.

Amaphiko ? Ukuɓa ngamaphiko

ndiya kubaba ngokwentaka.

Wazinaɓisa iindleɓe zakhe uNjovana,

waxhuma kwaakanye wababa

emana ejikeleza egumbini,

wada wathi ɼwl ngekɼoɓa eliya,


ephumela ngaphandle,

ooMpuku ɓesathe n'a imilomo.

PHONICS: n'a.

## Isifundo 27

### Ɓaʃiyekile



Siza kuthi ni Njozana ?

Usiʃiyile uNjovana. Usindile yena.

Sophuma njani thina ?

Ma sizifunele nathi iilekese

ezibalwe Ndleɓe-nkulu, ze sisinde nathi

ngale ndlela asinde ngayo uNjovana.

Ɓafune, ɓafuna uNjozana noMpuku,

ɓafuna kwada kwaɓonakala ukuɓa akusekho

zimbi iilekese. Ɓancama ɓedanile,

ɓejonge iinkwenkwezi ekɼoɓeni.

Ngaɓa umnakwethu uNjovana uya kuɓuya ?

Andazi Njozana. Wanga angaɓuya asincede.

Ma sicinge iceɓo lokusisindisa nathi.

Ɓacinge, ɓacinga,. uMpuku ephulula

iimbovu zakhe, ɓethe cwaka ɓoɓaɓini.

Akwaɓa kho uthethayo.

Akwaɓa ɓaɓeyityile naɓo laa lekese.

Nge ɓenawo naɓo amaphiko.

Ezi ngcinga azanceda lutho.

Ndincamile Njozana. Akukho ceɓo.

Nam ndincamile Mpuku.

PHONICS: ingcinga ngci.

## Isifundo 28

### Kuya godukwa

Ɓothuke kukungena kukaNjovana ngekɼoɓa.

Uze kuthi vu ecaleni kwaɓo.

Niya ɓona ke, ɓe ndingatʃhongo

ukuɓa ndiya kuphuma ngekɼoɓa ?

Nceda Njovana. Sithwale usikhuphe

kweli gumbi. Asinandlela yakuphuma.

Ɓe nikade nindihleka.

Kuza kuhleka mna ngoku.



Zifuneleni ngokwenu iilekese

zokunweɓisa iindleɓe.

Watʃho ehleka uNjovana, wazithi naa

iindleɓe zakhe, wababa wenyuka.

Kanti ooMpuku zizinto ezilumkileyo,

kuɓa ɓakuɓona ukuɓa uza kubaba

ɓaɓambelela emsileni wakhe.

Waɓa sel' enyuka naɓo

waya kuphumela ngaphandle.

Akayeka ukubaba, wathi ɼwi uk'ugoduka.

Ɓaɓuyela njalo ke ekhaya.

---

Eli ɓali liqhutywa

kU-NJOVANA NO-NJOZANA

(Incwadi Yesiɓini)

